



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2013

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P1

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali – 13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula yonke imibuzo.

4. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.

5. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A:	Malunga nama-50 emizuzu
ICANDELO B:	Malunga nama-25 emizuzu
ICANDELO C:	Malunga nama-45 emizuzu.

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A****Umthandazo**

1. Ngosuku lwesibini uNolusapho wayibamb'itshisa inqwelo yamahili-hili ukusinga kwisixeko segolide. Waya kutyekezwa nguloliwe ngosuku olulandelayo. Wagxidika kuloo ngxikela yesikhululo saseRhawutini aba ngathi umntu usendlwini xa akuso. Wakhonjiswa intendelezo ema abo babamba uloliwe wombane oya eNaledi, wabe yena esiya eZola. Wayalelwa lipolisa ukuba maze agxidike kwisikhululo saseNaledi apho aphela khona uloliwe, aze ke ngoku aqeshe inqwelo yamafutha ukumsa kuloo ndlu aya kuyo.
2. Okwenene uthe akugaleleka uloliwe wombane osinga eNaledi uNolusapho wangena kumbilini wakhe kwaoko. Waya kumtyekeza kwisikhululo saseNaledi apho abamba imoto eyaya kumgabha kuloo ndlu wayesiya kuyo eZola. Umelwane lwambona. Wathi akuzichaza lwakhamnqa kuba uVusumzi wayesaziwa enenkosikazi engumongikazi ephangela kwisibhedlela saseBharagwana. Kambe batsho kwabodwa ukuba loo nkosikazi ibuya ngeempela-veki. Waxelelwa kananjalo uNolusapho ukuba umyeni wakhe ubuya ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe. Ngecala emva kweyesixhenxe wagaleleka uVusumzi kwammelwane wakhe ukuya kuphuthuma isitshixo sendlu. Waxelelwa ukuba sisendlwini kuba unondwendwe obelufike kwasemini. Akulubuza kwathiwa luvela emaXhoseni. Washiywa luvalo umfana kuba ngobusuku obudlulileyo ube ephuphe ebona inkosikazi yakhe isezinyembezi ngathi iyammemeza imbuza ukuba uyilahleleni na. Wavuka ukuya emsebenzini lingamonwabisanga elo phupha.
3. Wathi engekafiki endlwini yakhe wakhwetywa zizibane. Umothuko ongako awuzanga ube mncinane. Eyona nto yamothusa ngakumbi kukuqonda ukuba uNolusapho kuninzi akubonileyo apho endlwini akuthelekelela ilixa elo kuthiwe ufike ngalo, abe ebengakhanga ayicoce indlu ukususa amaphela nokutshayela inkunkuma. Kambe iliso elilisela kwakuse kukudala limbonisile uNolusapho ukuba ukho lo mntu wasetyhini ahlala naye uVusumzi. Loo nto yadizwa ziilokhwe ezimhlophe azibona zijinga kwityeya yesibini yokugcina impahla yabasetyhini. Waba yimvuzemvuze bububele uVusumzi nesidlo sangokuhlwa eyayimenzele sona wasitya ngokonwaba. Akuba eyibuze impilo inkosikazi wambandaza eyichazela imbangi yokungabhali nokungathumeli kwakhe imali. Wayixelela ukuba imali uyigcina ebhankini, kwiBuilding Society nakwi-inshorensi. Watsho embonisa iincwadi ukumqinisekisa. Kuba isazela singcwele ukumkrekretha umniniso, uVusumzi wambandaza echazela owakwakhe ukuba impahla yomntu wasetyhini ayibone apho ingamqumbisi kuba igcinisiwe. Wawuthunga owakhe umlomo owakwaNozulu ebona nje ukuba ubethwa ngemfe iphindiwe.

4. Wavuka ngesifingo ukusukela emsebenzini uVusumzi. Wakha wema emnyango eyijonge ntshoo ebusweni inkosikazi yakhe kuyengezela iinyembezi. Yakubuza isizathu waphendula esithi wenziwa kukuyibuka kwaye kuthi makangaphangeli. UNolusapho wamcela umyeni wakhe ukuba makaphangele ukuze kulale kutyiwe, yena akayi ndawo. Wahamba uGcwanini ukuya emsebenzini. Akukho mntu uyaziyo into ecingwa yintliziyo yomnye. UNolusapho akazange amlibale uVusumzi enyanisile xa athi umjonga kuba embuka kanti uyaxoka. Wamangaliswa umfazana kwakubetha intsimbi yesithoba engafiki uVusumzi. Kwalile xa zisukela eyeshumi wabona isithatha segqange lemoto sisithi tshe efestileni, weva umgqumo wayo, kwabuya kwathi cwaka. Kwankqonkqozwa waza wathi kuba kudala elindele umyeni wakhe uNolusapho waya kuvula engabuzanga ukuba ngubani na. Kwangena izixhiphothi ezithathu ezabonakala ngezinxibo ukuba aziwushiya zingawuqabelisanga umcimbi ezithunywe wona. Zazinxibe iidyasi ezimnyama ezibhenqwe umgobo waza kuma ngeendlebe, entloko zithwele iibhalaklava ezibugqume bonke ubuso, kuvele amehlo kuphela. Zangena ezo zikrelemnqa zee ndinde phambi kwakhe, zamjonga. Emzuzwini injengele yazo yambuza ukuba ngaba uyinkosikazi kaVusumzi na, wavuma. “Usibona silapha nje, sisi, sithunywe nguVusumzi ukuba size kukucima igama kuba usisiphazamiso kwindlela yakhe. Ke kaloku ngumsebenzi wethu lowo, ngokukodwa xa sinikwe inyhuku engaka,” yatsho yathi rhuthu isinyamfu semali aliqikelela kumawaka amabini eerandi uNolusapho, kanti uchane ucwethe. “Ndicela nindinike imizuzu nokuba mihlanu khe ndenze umthandazo,” wadomboza uNolusapho.
5. Akulinikwa elo thuba waguqa wathandaza eyaleza abazali bakhe, abazali bomzi wakhe, amadodakazi, ze wayaleza uVusumzi ukuba uThixo amenze aguquke kuloo ntlondi yesono asenzileyo nokuba yena sele engasekho, waggibela ngokuyaleza izihange ezo. Wacela uThixo ukuba awamkele umphefumlo wakhe. Wathi akugqiba wazikhulula izihange ukuba zenze umsebenzi wazo. Injengele yezikrelemnqa yamnika imali yomyeni wakhe yathi makaphele emehlweni. Ngokwenza kukaThixo wathatyathwa kwazezo zihange ukumsa kwisikhululo saseRhawutini. Wafika ekhaya wababalisela indlela asinde ngayo. Kwaguqwa kwathandazwa.
- (Icatshulwe kwincwadi: *Lo mhlaba uyajikeleza* ngu D.M Lupuwana: Amaphepha 31 – 35 yaza yahlelwa)

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 Ngubani umlinganiswa esibaliselwa ngaye apha kweli bali? (1)
- 1.2 Khetha kwezi zidweliswe ngezantsi intsingiselo yegama “wagxidika”
- (i) wawa
- (ii) wakhwela
- (iii) wehlika (2)
- 1.3 Yinyani okanye Bubuxoki, ze uzixhase:
- UNolusapho wayengaqali ukuya eGoli (2)
- 1.4 Ngokolwakho uluvo kutheni iRhawuti ibizwa ngokuba sisixeko segolide? (2)

Jonga kumhlathi 2

- 1.5 Sebenzisa igama “ukutyekeza” livelise enye intsingiselo ingeyiyo le ikwiscatshulwa. (2)
- 1.6 Chonga ibinzana elibonisa ukuba abamelwane bakaVusumzi bamangaliseka baxhalaba xa kufika uNolusapho. (1)
- 1.7 Ngokokwakho ukucinga umbhali lo usinika luphi uluvo ngamaphupha? (2)

Jonga kumhlathi 3

- 1.8 Khetha intsingiselo engqinelana negama “Ukumbandaza”
- (i) ukuthetha qabavu ungoyiki
 - (ii) ukuthetha into engavakaliyo
 - (iii) ukuthula ungathethi (2)
- 1.9 Yakha isaci esithetha into enye neli qhalo usebenzise igama elikwisibiyeli: Ubethwe ngemfe iphindiwe (ingcuka) (2)
- 1.10 Ukuba wena wawunguNolusapho umyeni wakho engakuthumeleli mali ngewathini/ngewenza ntoni? (2)

Jonga kumhlathi 4

- 1.11 Ngokwakwiscatshulwa ingaba uVusumzi wayeyithanda le nkosikazi yakhe? Cacisa. (1)
- 1.12 UNolusapho ungamtolika njengomfazi:
- (i) othanda imali
 - (ii) othanda ukuhiliza
 - (iii) olungileyo nokholose ngoYehova (1)

Jonga kumhlathi 5

- 1.13 Ngokolwazi lwakho okanye olwakho uluvo ukuguqa xa uthandaza kungumqondiso wantoni? (2)
- 1.14 Xa unokuthi ujongene nokufa unikwe imizuzwana yokuthandaza ungacela ntoni kuThixo? (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

Phendula imibuzo esekwe kulo mfanekiso.



- 1.15 Xa uqikelela inokuba baphuthaphutha iminyaka emingaphi aba bakulo mfanekiso? Khetha kwezi zidweliswe apha ngezantsi:
- (a) 15 – 30 iminyaka
 - (b) 35 – 40 iminyaka
 - (c) 50 – 70 iminyaka
- (2)
- 1.16 Xa ucinga inokuba kwakusenzeka ntoni apha? (2)
- 1.17 Ingaba Isicatshulwa A nomfanekiso okwiscatshulwa B zifana okanye zahluke ngantoni? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****SHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO**

Funda ngononophelo nangocoselelo esi sicutshulwa silandelayo wandule ukusishwankathela ngawakho amazwi ulandela le miyalelo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ngezivakalisi ezipheleleyo, ngamagama angama-70.
- Uvumelekile ukushwankathela ngokomhlathi okanye ngokweengongoma.
- Iingongoma zakho mazibe si-7. (7)
- Qaphela ukusetyenzisa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

NDIBULELE UMNTWANA WEQABANE LAM

USiziwe Ndlovu (oneminyaka engama-20 wavuma ukuba) wambulala umntwana wendoda yakhe kuba wayenekhwele lokuba iqabane lichitha ixesha elininzi nentombi.

Ndadibana neqabane lam uSiya kwiminyaka emithathu edlulileyo. Saqala ukuthandana. Wandixelela ukuba ukhulelise enye intombi kwaye umntwana uneenyanga ezine ubudala. Ndandingenangxaki, ukuba akasathandani nonina womntwana. Wandiqinisekisa ukuba akusekho budlelwana phakathi kwabo. Umntwana wayehlala nonina engesosiphazamisi. Ngalo lonke ixesha xa iqabane lam lifuna ukubona umntwana, unina wayethumela umntu amzise aphinde amlande. Sasonwabile sinoSiya sichitha yonke imihla kunye kwade kwabe kuyatshintsha oku kunyaka ophelileyo. Unina womntwana wafumana umsebenzi kwenye idolophu, kwanyanzeleka ukuba uSiya ahlale nentombi yakhe (eneminyaka emibini). Ndandisazi ukuba izinto ziza kutshintsha phakathi kwam noSiya.

Ekuqaleni kwalo nyaka ndaqalisa ukungamboni uSiya. NgoMeyi ndacinga icebo lokuba ndikhangelele unina womntwana umsebenzi kwidolophu ekufutshane ukuze abuye ndifumane uSiya, ahoye mna ndedwa, wala. Ndandimthanda umntwana kodwa ndandicatshukiswa kukuba wayethatha lonke ixesha lendoda yam. Ndakhe ndacinga nokumsa kwisikolo ekuhlalwayo kuso, kodwa iqabane lam lala. NgoJuni wama-2012 ndamlanda esikolweni; wayeneminyaka emithathu ngelo xesha. Iqabane lam lavuyiswa kukuba ndiye ndavolontiya ukumlanda. Ndamthengela i-ice-cream ndaya naye ekhaya. Sathi sifika wabe elala. Ndathi xa ndimjongile njengoko wayelele ndafikelwa ngumsindo endingazange ndanawo ngaphambili ndicinga indlela andimoshela ngayo ubomi. Kwabakho into endongamelayo; ndamkhama (wavuka wazama ukuphefumla kodwa kwakungathi ayindim). Ndayiqinisa intamo yakhe de wapheliswa ngumoya. Ndabona ukuba akasekho akubhedulula amehlo.

Ndicinga ukuba kulapho zabuya khona iingqondo ndabona okwenzekileyo. Ndabiza umhlobo wam, owafika wafa isiqaqqa wakubona endikwenzileyo. (Ukuvuka kwakhe) sathatha umntwana samfaka ebhokisini samsa kwaSiya, samshiya sabaleka. Ndabuyela kwaSiya phambi kokuba abuye emsebenzini. Wafika ndihleli nomntwana esebhokisini. Wabona okwenzekileyo wakhala. Zabuya ngaloo mzuzu iingqondo kwangona ndiyibonayo intlungu endiyizise kuSiya nonina womntwana. Wamtsalela umnxeba wafika ngemini elandelayo. (Wafika ephethe intonga wandibetha) de kwafika namapolisa andibamba. Ndahlala entolongweni iveki ndaze ndabonana nogqirha wengqondo owathi ndigula ngengqondo.

Sekudlule iinyanga ezintlanu ngoku kwaye ndisaquqa enkundleni nasesibhedlele sabagula ngengqondo. (Ngamanye amaxesha) Ndiyazisola kuba ndakwenza oku ukuze ndibe kunye neqabane lam kodwa landilahla nabazali bam abathethi nam. Ndibuhlungu ngonina womntwana. Ndiyanqwenela ukuba ngumama ngenye imini kwaye andiqondi ukuba ndingaphila ukuba kungakho umntu obulala umntwana wam. Ndixolisile kusapho kwaye ndiyazama ukufumana uncedo.

(Icatshulwe kwi*Bona* kaNovemba 2012; amaphepha 86-87; yaza yahlelwa)

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

ISIBHENGEZO

MAGIC FIBRE! MAGIC FIBRE! MAGIC FIBRE!

Bafundi bebanga leshumi elinesibini,
Nenzelwa itheko lokunibulisa?
ingxaki ziinwele
Siyaphotha, siyafakela, siyoluka
Sikuzobe, sikubethe isincancalala sento
Uzizuzele amafutha okuthambisa mahala

Yiza e-

MAGIC WORLD AMAXESHA OKUSEBENZA: 8 kusasa-8 ngorhatya
10 MAIN STREET Inombolo yemfonomfono: 0397373721
MTHATHA Inombolo yeselula: 0717171710
5100

QHAKAZA NTWANA!!! QHAKAZA NTOKAZI!!!!

- 3.1 Yiyiphi le mveliso ithengiswa apha? (1)
- 3.2 Ijoliswe koobani le mveliso? (1)
- 3.3 Nika islogani sesi sibhengezo? (1)
- 3.4 Ngawaphi amazwi angakulukuhlela ekubeni uze kule ndawo? (1)
- 3.5 Yintoni ebangela ukuba amagama athile abhalwe ngqindilili nangoonobumba abakhulu? (2)
- 3.6 Nika intsingiselo yegama "Isincancalala" njengoko lisetyenziswe kwisibhengezo. (2)

[8]

UMBUZO 4**UMHLOMLO**

Funda lo mhlathana ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

Yalaqaza le ntokazi iphunguza okwesela ebuhlanti bomnye umzi. Uthe akungaboni mntu uzayo, wanikezela kuloo mahlaha nezo ngcongolo **zingqonge** loo mlambo. Wavela umntu omtsha esiza kwilizwe elitsha. Satsho nesikhalo saloo mveku izamkela kwiinzima neentlungu zeli limagad'ahlabayo. "Kowu! Isidalwa sam." Uthe akugqiba waluthatha olo sana walusongela kumavukuvukwana akhe abe ezithungela wona ngelixa ebefunda. Wasondela kwisicithi ebesilapha ngasendleleni, waluthi ntimfa apho wasingela. Uthe sele ewelile apho emlanjeni esinga apho ndingaziyo ewudukise mpela umkhondo, savakala isikhalo sosana sisitsho ngasemva lunga luyabona okokuba lushiywa lodwa apho. Wabe unina evuselelekile enganyatheli, ngathi uhlatywa ngeenaliti. lindlebe ezithe vingci engafuni kwanto eza kuthi ithi nkentenkente kuloo mabhaku ezo ndlebe. Ngeloo xesha iinkwenkwezi ziphendulwe, inyanga ithe thaa utsho usibone nesithunzi sakho kobo busuku. Umkhondo nje wokuba ugudle loo mlambo, esehlisa loo lali iNgqungqushu. Ngelo xesha luphelile usizi novelwano, ixhala nesazela zisithele kugquba umoya wenkohlakalo kumama. Sabe sitsho singaphezi isikhalo sosana ezindlebeni zakhe. Noxa kunjalo asizanga kumjika kwihambo yakhe. Intombazana ekhohlakeleyo yabaleka ngqe ukuze ingabhaqwa.

(Sicatshulwe kwincwadi "*Owu! Hayi Ukuzenza*: ngokubhalwe nguSankqela: iphepha lama-26 yaza yahlalwa)

- 4.1 Phinda ubhale igama elibhalwe ngqindilili ngendlela eyiyo yopelo. (1)
- 4.2 Ingaba igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwizivakalisi lisetyenziswe njani:
Wasondela kwisicithi ebesilapha ngasendleleni, waluthi ntimfa apho wasingela. (1)
- 4.3 Khetha kwiimpendulo ozinikiweyo ukuba safobe sini na esi sibhalwe bukekela:
Wabe unina evuselelekile enganyatheli, *ngathi uhlatywa ngeenaliti*.
(a) Sisikweko
(b) Sisifaniso
(c) lunxulumaniso (1)
- 4.4 Xela ukuba isimamva esibhalwe ngqindilili kweli gama sibonisa ntoni:
Uthe akungaboni mntu uzayo, wanikezela kuloo mahlaha. (1)
- 4.5 Sebenzisa igama "umzi" kwisivakalisi livelise ntsingiselo yimbi ingeyiyo le iveliswe kulo mhlomlo. (2)

- 4.6 Libonisa ntoni igama elibhalwe bukekela kwesi sivakalisi?
“Kowu! Isidalwa sam.” (1)
- 4.7 Xela ukuba igama elinomgca ngaphantsi libonisa ntoni.
(a) Uthe sele ewelile emlanjeni esinga apho ndingaziyo
(b) Ngathi uhlatywa ngeenaliti (2)
- 4.8 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ukhethe igatya eliyintloko negatya
sihlomelo lenjongo:
Intombazana yabaleka ngqee ukuze ingabhaqwa (2)
- [11]

UMBUZO 5

UMFANEKISO

Kha uhleke nawe le ncokwana yeMajimbos ikwezi zibayana uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

Majimbos



By: THEMBA SIWELA



· RASTA · SHOTI · STIX · CHISKOP



- 5.1 Guqula esi sivakalisi sibe kwimo evumayo.
Andicelanga **luvo** lwakho. (1)
- 5.2 Guqula le ntetho kaChiskop ibe kwintetho-ngqo:
UShoti wathi uyayithanda inkqubela yeshishini lam elincinane. (2)
- 5.3 Xela ukuba igama elinomgca ngaphantsi lenze msebenzi mni.
Cinga indlela endothuka ngayo xa esithi uShoti ndinabo abantwana. (1)
- 5.4 Isimamva u “ndini” kwigama u “nkewundini” libonisa ntoni? (1)
- 5.5 Kwesi sivakalisi kukho igama lemboleko, lichonge ube sele unika elililo lesiXhosa:
Ubhetele nje mfo kuba unazo izinto oza kuzixelela umqokeleli werhafu. (2)
- 5.6 Kha ufakele isaci endaweni yentetho ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi ngoncedo lwegama elikwisibiyeli:
Cinga indlela endothuke ngayo xa esithi uShoti ndinabo abantwana (uvalo) (2)
- 5.7 Igama elibhalwe ngqindilili lisetyenziswe njani kwesi sivakalisi singezantsi:
Emva koko ndithe akwaba bendinabantwana abambalwa endibondlayo ukuze ndingahlawuli irhafu **enkulu**. (1)
- 5.8 Igama elibhalwe bukekela liveza yiphi intsingiselo uchonge kozinikiweyo:
Kunye *nentaphane* yeempuku.
(a) iimpuku ezimbalwa
(b) iimpuku ezincinane kakhulu ngeziqo kodwa zininzi
(c) iimpuku ezininzi (1)

[11]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70